**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**INQANABA ELIPHEZULU**
**(Iphepha Lesithathu)**

# POSSIBLE ANSWERS OCT / NOV 2006

ICANDELO A

**UMBUZO 1**

**ISINCOKO**
**Indlela yokuphononongwa kwesincoko**

| | Isikhokelo Sokufezekisiweyo | | Umsebenzi osemagqabini | Ophume izandla | Okwinqanaba eliphantsi |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Intshayelelo | **[5]** | 4 – 5 | 2 – 3 | 1 |
| 2 | Ukwakhiwa kwezivakalisi ngokunxibelelana | **[3]** | 3 | 3 | 1 |
| 3 | Upelo-magama – isigama - Iziphumlisi | **[4]** | 4 | 2 – 3 | 1 |
| 4 | Ukunambitheka komxholo – ofikeleleyo kwisihloko | **[10]** | 8 – 10 | 5 – 6 | 1 – 4 |
| 5 | Umongo | **[8]** | 6 – 8 | 4 – 5 | 1 – 3 |
| 6 | Ulwimi olungenaziphene - lutyebile | **[5]** | 4 – 5 | 2 – 3 | 1 |
| 7 | Isiphelo | **[5]** | 4 – 5 | 2 – 3 | 1 |
| | Amanqaku ewonke | **[40]** | **[40]** | **[26]** | **[12]** |

**40**

ICANDELO B

**UMBUZO 2.1**

**INDLELA YOKUPHONONONGA INCWADI YOBURHULUMENTE / YOSHISHINO:**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Isakhiwo | **[10]** | | | |
| | 1.1 idilesi yokuqala | **[2]** | 2 – 3 | 2 – 3 | 1 |
| | 1.2 idilesi yesibini | **[2]** | 2 – 3 | 2 – 3 | 1 |
| | 1.3 isibuliso | **[2]** | | | |
| 2 | Umongo | **[6]** | 5 – 6 | 3 – 4 | 1 – 2 |
| 3 | Ulwimi | **[4]** | 4 | 3 | 1 |
| 4 | Isiphelo | **[4]** | 4 | 3 | 1 |
| | Amanqaku ewonke | **[20]** | **[20]** | **[16]** | **[6]** |

**20**

**UMBUZO 2.2**

**INDLELA YOKUPHONONONGA INCWADI YOBUHLOBO:**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Isakhiwo | **[9]** | | | |
| | 1.1 idilesi | **[4]** | 4 | 3 | 1 |
| | 1.2 isiphelo | **[2]** | 2 | 2 – 3 | 1 |
| | 1.3 isibuliso | **[3]** | 3 | 2 – 3 | 1 |
| 2 | Umongo | **[6]** | 5 – 6 | 3 – 4 | 1 – 2 |
| 3 | Ulwimi | **[5]** | 4 – 5 | 2 – 3 | 1 |
| | Amanqaku ewonke | **[20]** | **[20]** | **[16]** | **[6]** |

**20**

**UMBUZO 3.1**

**INDLELA YOKUPHONONONGA KWESINGENISA SEDAYARI:**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Isakhiwo | **[6]** | 6 | 5 | 1 |
| 2 | Imihla, inyanga neentsuku ezenzeke ngayo iziganeko | **[8]** | 8 | 7 | 3 |
| 3 | Ulwimi, ingcociso yokwenzekayo-kuthi thaca ubungqina beziganeko | **[6]** | 6 | 4 | 1 – 2 |
| | Amanqaku ewonke | **[20]** | **[20]** | **[16]** | **[6]** |

**20**

## UMBUZO 3.2

**INDLELA YOKUPHONONONGA IMEMORANDAMU:**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Isakhiwo | **[10]** | | | |
| | 1.1 Igama lombutho<br>1.2 Ivela ku ... | **[1]**<br>**[1]** | 1<br>1 | 1<br>1 | 1<br>0 |
| | 1.3 Iya ku ... | **[1]** | 1 | 1 | 1 |
| | 1.4 Umhla | **[1]** | 1 | 1 | 0 |
| | 1.5 Umcimbi | **[1]** | 1 | 1 | 0 |
| | 1.6 Inani lamagama | **[4]** | 4 | 3 – 4 | 1 |
| 2 | Umongo | **[6]** | 5 – 6 | 3 – 4 | 1 – 2 |
| 3 | Ulwimi | **[5]** | 4 – 5 | 2 – 3 | 1 |
| | Amanqaku ewonke | **[20]** | **[20]** | **[16]** | **[6]** |

**20**

**UMBUZO 3.3**

**UKUPHONONONGWA KWESIGXEKO-SINCOMO (IRIVYU):**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Isakhiwo | **[6]** | 6 | 5 | 1 |
| 2 | Inkcukacha ezifuna ingqwalaselo – ukuncamathela kwenjongo neyona nto irivyuwayo | **[8]** | 8 | 7 | 3 |
| 3 | Amanqanaba alandelwayo – ulwimi, inkcazelo izinto ezinomdla nezityhafisayo | **[6]** | 6 | 4 | 2 |
| | Amanqaku ewonke | **[20]** | **[20]** | **[16]** | **[6]** |

**2 0**

**UMBUZO 4.1**

**INDLELA YOKUPHONONONGA KWEKHARIKYHULAMI VITHAYA (CV):**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Amagama nefani; umhla wokwuzalwa; incwadi yokuzazisa, ubuni nedilesi | **[3]** | 2 – 3 | 1 – 2 | 1 |
| 2 | Iinkcukacha ngezemfundo | **[3]** | 2 – 3 | 1 – 2 | 1 |
| 3 | Inxaxheba malunga nomsebenzi | **[2]** | 1 – 2 | 2 | 1 |
| 4 | Ukulandelaniswa kwamanqaku | **[2]** | 1 – 2 | 2 | 1 |
| | Amanqaku ewonke | **[10]** | **[10]** | **[8]** | **[4]** |

**10**

**UMBUZO 4.2**

**UKUPHONONONGWA KWE-EMEYILE:**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Isakhiwo | **[3]** | 3 | 2 | 1 |
| 2 | Umyalezo mawucace – Ulwimi olungabhidisiyo | **[5]** | 5 | 3 – 4 | 1 – 2 |
| 3 | Uya kubani umyalezo – uvela kubani | **[2]** | 2 | 1 – 2 | 1 |
| | Amanqaku ewonke | **[10]** | **[10]** | **[8]** | **[4]** |

**10**

## UMBUZO 4.3

**INDLELA YOKUPHONONONGA KWESI BHENGEZO:**

| | Isikhokelo Sokufezekisiweyo | | Umsebenzi osemagqabini | Ophume izandla | Okwinqanaba eliphantsi |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Isakhiwo | **[3]** | 3 | 2 | 1 |
| 2 | Ulwimi olungena – ziphene – izincomo ezitsala abathengi | **[2]** | 2 | 1 – 2 | 1 |
| 3 | Umongo oncamathele ngqo kwisihloko – ubude obufunekayo Ingcaciso nge-mpahla leyo, ixesha nendawo yefandesi leyo | **[5]** | 5 | 3 – 4 | 1 – 2 |
| | Amanqaku ewonke | **[10]** | **[10]** | **[8]** | **[4]** |

**10**

ICANDELO C

**UMBUZO 5**

***Sasinoncwadi kwaTanci* – S.C Satyo Nabanye**

5.1.1 Ekuhambeni kwexesha amaXhosa amandulo aba nesandla nawo kushicilelo. Singabalula into zooD.D.T. Jabavu nooW.B. Rubusana nooS.E.K. Mqhayi. Izijungqe zoncwadi lwemveli ziye zalibona ilanga kumaphepha-ndaba afana ne*Mvo, Ilizwi Labantu, Iliso Lomzi,* njl-njl. Umbhali nembongi yomthonyama uS.E.K. Mqhayi waba negalelo elikhulu ekukhupheni olu shicilelo. Ngamanye ala magalelo awaqokelelwa nguW.B.Rubusana wabhala incwadi ethi *Zemk' iinkomo magwalandini* eyaphuma ngowe-1906. Iiyunivesithi zona zabonakalisa umdla kuphando lolu hlobo loncwadi. Ngelishwa ke iziphumo zolo phando ziphelela phaya kumathala eencwadi zeeyunivesithi ezo. Namhlanje sineencwadi kunye neethisisi ezithetha ngolu ncwadi lwemveli. Uncwadi lwemveli alubonakalisi kukhabana neenguqulelo zokuhamba kwamaxesha. Loo nto ke ithetha ukuba akuyi kuba lula ukuba kuthiwe luphelelwe lixesha. (10)

5.1.2 Iintsomi zibaliswa ngorhatya xa lonke usapho lukhona, kwaye nomsebenzi wemini sele ufinyeziwe, sekujongwe ukubeka amacala. Kukho nenkolelo yokuba umntu owenza intsomi emini uphuma iimpondo. Le yindlela yokunqanda abantwana bangaceli ukwenzelwa iintsomi ngexesha lokuba kusetyenzwe. (5)

5.1.3 Ngenene liyinyaniso elithi "Ilizwi lomntu omkhulu alityiwa yinja." Le nyaniso ithi icace gca kwintsomi engentombazana nesigebenga. Intombazana yayalelwa ngunina ukuba ingabodlala ngasehlathini lide litshone ilanga. Yona yadlala nabahlobo bayo lada latshona ilanga. Kwathi selitshonile ilanga, bagoduka, kanti ilibele iqhiya kanina kulaa ndawo babedlalela kuyo. Yajika isiya kuyilanda. Kwasekurhatyele. Yafika kulaa ndawo bebedlalela kuyo sekuhleli umntu o-m-khu-u-u-lu. Kwathi kanti lizim. Layibamba layifaka engxoweni, layiqamangela. Izim elo lahamba nale ntombazana, liyingcungcuthekisa indlela yonke. Liyixelela ukuba liza kuyitya ngesopholo. Ngethamsanqa yasinda kuba izim lanxanwa endleleni laphambukela emzini uthile, kanti kusekhayeni lentombazana leyo. Yasinda cebetshu ekutyiweni lizim ngenxa yokungaphulaphuli ilizwi lomntu omkhulu. (10)

5.1.4 (a) Ingwe idla ngamabala.
(b) Isiziba siviwa ngodondolo.
(c) Idada lidada kwesalo isiziba.
(d) Zingasuzela zityebile.
(e) Inja ayimki apho ike yafumana khona ithambo. (5)

**[30]**

**OKANYE**

5.2.1 Intsomi yimbalana yobuxoki ekunokuqhotyoshelwa kuyo izithethe zesizwe eso okanye kubandakanywe iinkcazelo zesishiqi zasendalweni okanye kusetyenziswe intlalo yezilwanyana kuzanywa ukusombulula izinto ezithile zentlalo yoluntu. (3)

5.2.2 (a) Ububi abunawo amandla okoyisa ubulungisa. (2)
(b) Izidenge ziba lilifa lezilumko. (2)
(c) Akuzigalo zodwa eziyimfuneko ekulweni utshaba. (2)

5.2.3 (a) Akukho mpukane inqakulela enye. (1)
(b) Imbovane iyalithwala inyiki. (1)
(c) Umzondo awuziva kunuka. (1)
(d) Intloya iphuma emasini. (1)
(e) Imfazwe isuka eziko. (1)

5.2.4 Uncwadi lwemveli luhamba nezijekulo ekwenziweni kwalo. Luthi ke luphumpeke kakhulu xa lubhaliwe kuba :
1. Izijekulo ziyasalela xa kurekhodwa ngaphandle kwevidiyo.
2. Isiganeko ebeluqanjelwe kuso uncwadi olo luyongulwa kuso.
3. Unxibelelwano phakathi komqambi nabaqanjelwa lusenokuphosakala ngethuba lokurekhoda.
4. Abanye abarekhodi bacela ukuqanjelwa esithubeni nje. (4)

5.2.5 (a) Kubambene ingwe nengonyama. / Ukuba yingwe.
(b) Uphumile uhili ezingcongolweni / Ukuva into embi eyaviwa nguhili.
(c) Ooxam bayaphaxulana. / Uxam wakholwa ngamantintinti.
(d) Gcina iintakumba zakho.
(e) Ukuhlinza impuku. (5)

5.2.6 Amaqhina ayonwabisa. / ayafundisa.
Amaqhina asilola ingqondo.
Enza ukuba sibe neliso elibukhali lokuqwalasela izinto zendalo / okanye ezisingqongileyo. njl. (3)

5.2.7 (a) Sisithunzi sam.
(b) Lilitye xa uligibisela.
(c) Yintloko. (4)
(d) Yinja xa izisonge ezaleni. **[30]**

**OKANYE**

**UMBUZO 6**

***Apha naphaya* – D.M. Jongilanga**

6.1.1 (a) ISIMO SENTLALO

Eli bali liqhubeka elokishini, isitalato sakwaMekeni. Yindawo engcole kakhulu. Abantu balapha bangamaxelegu. Inkunkuma, neempukane ifumaneka kuso sonke isitalato esi. Nezinja ezifileyo zithe finini kwalapha. Kunuka umbolo nje. Izindlu abahlala kuzo zezamacangci. Kumdaka, kuzele iimpuku namaphela kwezi zindlu. Abalinganiswa bakrwada, abangoomama bayathukana, balwe esitalatweni. Kukwakho nezikrelemnqa apha kuba sibona ngemidlalwano edlalwa ngabantwana. Badlala imidlalo yokutyhuthula oonovenkile, badubulane namapolisa. (8)

(b) INGXAKI EKHOYO

UNte ongunyana kaNontlantsi unengxaki enkulu kuba unina akanankathalo. Xa ebuya esikolweni ufika ukutya kungekho, maxawambi ebethwa lucango. Indlala yada yanyanzelisa uNte ukuba azayamanise namakhwenkwe athengisa intsangu. Waphinda waziqhelanisa nalawo atyhuthula iimoto zabamelwane. Bagqibela bebanjiwe ngalo mkhwa. (4)

(c) ISISOMBULULO

UNte wacebisa unina ukuba athenge iziqhamo emalikeni azithengise. Yena noNomsa udade wabo bangena elokishini bazithengisa. Yangena imali noxa babehlutshwa ngamapolisa ekuqaleni kuba benge-namvume yokuthengisa. UNontlantsi wayifumana imvume. Bathengisa ngokukhululeka. Wathenga iveni yokuthutha iziqhamo nemifuno, wathengisa. Amacangci akwaMekeni ashiywa, sebehlala eMdantsane. Emakethe ubizwa uNobhalansi. UNte ufundela umsebenzi wokukhanda iimoto. Indlala yalityalwa. (6)

6.1.2 Umvavanywa uya kuzizuzela amanqaku ngokukwazi ukuxhasa impendulo yakhe, avakalise izimvo zakhe ezichubekileyo ngalo mbandela utshisa ibunzi.

Nazi iingongoma anokucangcatha phantsi kwazo :
Ngomhla womfihlo kaMnumzana uSolakhe Dlala, kwakunyakazela ngabantu, ingumMbo nomXesibe. Kwakuba kubuyiwe emadlakeni, yaba nguwashiywa ukuya kwiitafile ezinokutya. Kwakuphekwe ooni nooni, kuzizibiliboco nje. Abantu babekhalaza ngokungabekwa etafileni, phofu eyayizele qhu kungekho nendawo yokuhlala. Abanye babekhalazela ukungafumani iitapile, iisaladi okanye inyama.

Abapheki babekhalazela ukungafumani kutya ngenxa yokuzala kwabantu. Phofu behamba bekhalaza nje iingxowa zabo zizele qhu. Bambi babesongela abanye besithi baya kuze babavimbe ukutya nabo mhla bengcwaba. Ngelixa abantu bechithakala emva kokutya, babekhwazana, bebulisana, bevuyelena abo bagqibelana ngonoqukuu.

Iyonke le nquleqhu yenzeka apha ishiya umntu ezibuza ukuba ngamabhongo antoni na la angaka kungcwatywa? Xa unokuqaphela kakuhle, zonke izinto ezenzeka ngalo mhla azahlukanga tu kumsitho womtshato. Uphi ke ngoku umahluko phakathi komtshato nomngcwabo? Esi senzo siyagxekeka kakhulu isingathi imingcwabo ingaba nesidima nesithozela. Ukutya ingabi yeyona nto kuziwe ngayo. (12)

**[30]**

6.2.1 NguNqaba. (1)

6.2.2 Wokufundisa. (1)

6.2.3 Kukuba iziphumo zabantwana bakhe zebanga lesithandathu zazibahlalisa phantsi bonke ootitshala baloo ngingqi. (3)

6.2.4 Kwilali yakwaHala / kwaNdlambe. (1)

6.2.5 Waphumelela yedwa kubantwana abalishumi. (2)

6.2.6 Kwisikolo sakwaHala. (1)

6.2.7 NguMnu. uDaka. (1)

6.2.8 Ngalo mhla utitshala wabo wafaka umdiza engxoweni. Abantwana bakrukrutheka de wabona ukuba ibhatyi yakhe iyaqhuma. Wababethela ugqirha nezicaka, abanye baphuma ngeefestile, abanye betshitshilize ebajije izinqa. Kukho nentombazana eyada yashiya idama. (4)

6.2.9 UNte wayeza kuqala ukukhwela uloliwe esiya esinaleni. Kwathi ya kuthi gqi intloko kaloliwe esikhululweni, wakhala "Yho- O-o!" Wasimbela isinqe. Waleqwa ngabanye abafundi wathwalwa ukuya kuloliwe, esoyika. (4)

6.2.10 Zazifana ngobumdaka nokungabinankathalo kweenqununu. (2)

6.2.11 NguMnu. uDlala. (1)

6.2.12 EShawville. (1)

6.2.13 UNqaba kaNqatha. (1)

6.2.14 - Utywala. (2)
- Ukuba namabhongo. (2)

6.2.15 Waba lilolo, wafunda waphumelela imfundo enomsila, namhla uyinqununu kwisekondari yaseQhinirha. (3)

**[30]**

**AMANQAKU: 120**